

**ISEBE LEZOLIMO**

**KWIPHONDO LENTSHONA  
KOLONI**

**IVOTI 11**

**INGXELO YONYAKA  
KUMNYAKA-MALI KA 2018/19**

# Isiqulatho

<b>ISAPHLUKO A: ULWAZI GABALALA</b>	<b>5</b>
1. ULWAZI GABALALA NGELI SEBE	7
2. ULUHLU LWAMAGAMA ASHUNQULELWEYO	8
3. INTETHO YOMPHATHISWA	13
4. INGXELO YEGOSA LONIKELO NGXELO	14
5. INTETHO ESHICILELWEYO NGOXANDUVA LOKUQINISEKISWA KOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA	35
6. ULAWULO LOKUBEKA ESWENI NGOBUCHULE	36
7. IGUNYA LEZOMTHETHO KUNYE NAMANYE AMAGUNYA	36
8. UBUME BEZITHUBA ZEMISEBENZI KWIZIKOI	42
9. IMIBUTHO ENIKELA INGXELO KUMPHATHISWA KWIPHONDO	43
<b>ISAPHLUKO B: ULWAZI NGENDLELA YOKWENZIWA KOMSEBENZIZI</b>	<b>45</b>
1. INGXELO YOMPHENGULULU ZINCWADI-JIKELELE: IINJONGO EZIPHAWULWE KWANGAPHAMBILI	46
2. UKUPHICOTHWA KWENDLELA ELISEBENZA NGAYO ISEBE	46
3. IZIPHUMO NGOKWAYAMENE NEENJONGO ESINAZO	67
4. ULWAZI NGOMSEBENZI OWENZIWE ZIINKQUBO	76
5. IINTLAWULO EZENZIWEYO	149
6. IIMALI ZESIBONELELO NGOKWEEMEKO EZITHILE	158
7. INGXOWA-MALI YABAXHASI	167
8. UTYALO-MALI OLUKHULU	167
<b>ISAPHLUKO C: ULAWULO</b>	<b>169</b>
1. INTSHAYELELO	170
2. ULAWULO LOMNGCIPHEKO	170
3. UBUQHETSEBA NORHWAPHILIZO	173
4. UKUCUTHWA KOKUNQUBANA KWEENGENELO NOKWENZIWA KOMSEBENZIZI	174
5. UMGAQO WOKUZIPHATHA	174
6. IMICIMBI ENGEZEMPILO, UKHUSELEKO NENDALO ESINGQONGILEYO	175
7. IIKOMITI EZONGAMELE IMISEBENZI	176
8. IZIGQIBO EZENZIWE YI SCOPA	177
9. PHAMBI KWEZILUNGISO DE KUFIKELELWE KWIINGXELO ZOPHENGULULO-ZINCWADI	180
10. ICANDELO LOLAWULO LWEZANGAPHAKATHI	180
11. UPHENGULULO-ZINCWADI KUNYE NEEKOMITI EZINGOPHENGULULO-ZINCWADI	181

12.	INGXELO ENGOPHENGULULO ZINCWADI	183
<b>ISAPHLUKO D: ULAWULO LWEMICIMBI ENGABASEBENZI</b>		<b>185</b>
1.	INTSHAYELELO	186
2.	UBUME NGOKOLAWULO LWABANTU KWELI SEBE	186
3.	ULONGAMO NEENKCUKACHA-MANANI NGOLAWULO LWABANZTU	188
<b>ISAPHLUKO E: ULWAZI NGEZIMALI</b>		<b>221</b>
1.	INGXELO YMPHENGULULI-ZINCWADI JIKELELE KWIPALAMENTE YEPHONDO INTSHONS KOLONI	222
2.	USHICILELO LOLWABIWO LWEZIMALI	228
3.	UKUPHAWULA NGOSHICILELO LOLWABIWO LWEZIMALI	253
4.	USHICILELO LWEENKCUKACHA NGOKUSETYENZISWA KWEZIMALI	256
5.	USHICILELO LWEENKCUKACHA NGOBUME BEZIMALI	257
6.	USHICILELO LWEENKCUKACHA NGOTSHINTSHO KWIIMPAHLA IZISELEYO ZEXABISO ELIPHEZULU	258
7.	USHICILELO LWEENKCUKACHA ZOKUNGENA NOKUPHUMA KWEZIMALI	259
8.	IMIGAQO ENGONIKELO LWENGXELO	260
9.	UKUPHAWULA NGOSHICILELO LWEENKCUKACHA ZEZIMALI ZONYAKA	267
10.	IZIHLOMELO KUSHICILELO LWEENKCUKACHA ZEZIMALI ZONYAKA	297

# ISAPHLUKO A: ULWAZI GABALALA

---

## 1. ULWAZI UGABALALA NGELI SEBE

**IGAMA** : iSebe leZolimo  
**IDILESI** : Muldersvlei Road Elsenburg 7607

**IDILESI YEPOSI** : Private Bag X1  
Elsenburg  
7607

**INOMBOLO YOMNXEBA** : +27 21 808 5111

**INOMBOLO YE FAX** : +27 21 808 5000

**IDILESI YE EMAIL** : [info@Elsenburg.com](mailto:info@Elsenburg.com)

**IDILESI YE WEBHUSAYTHI** : [www.elsenburg.com](http://www.elsenburg.com)

**ISBN** : 978-0-9947024-6-3

## 2. ULUHLU LWAMAGAMA ASHUNQULELWEYO

4 <sup>th</sup> IR	Fourth Industrial Revolution
ACF	Ingxowa-mali yezithole ezingaqhelekanga
AES	Iinkonzo zezoQoqosho kweZolimos
AET	Imfundo kweZolimo noQeqesho
AFMA	Umbutho wemveliso yokutya kwempahla
AFS	Ushicilelo Lweenkcukacha Zezimali Zonyaka
AGOA	Umthetho ongokuHluma kwi-Afrika namaThuba
AgriBEE	Ukuxhotyiswa kwabaMnyama kuQoqosho kweZolimo
AGSA	Uphuhliso loQoqosho lwabaMnyama ngeZolimo
AHS	Izigulo zamaHashe kwi-Afrika
AI	Umkhuhlane weeNtaka i-Avian
AIDS	Intsholongwane kaGawulayo Isifo Esibhubhisayo
AIMS	Indlela yokuLawula Intlanganisela Yemisebenzi yeZolimo
AIU	Icandelo Lotyalo-zimali zamaShishini akweZolimo
AO	Igosa Lokunika Iimpindulo
APAC	Umbutho weeNqununu kwiiKholeji zeZolimo
APAP	Isicwangciso sokuSetyenziswa koMgaqo weZolimo
APFYD	Intlanganisela ngeZolimo kuPhuhliso loLutsha
APP	IsiCwangciso Sokwenziwa koMsebenzi Wonyaka
ARC	Ibhunga loPhando ngeZolimo
ASD	Uphuhliso Lwezakhono kweZolimo
BAS	Indlela Esetyenziswayo kuCwanningo-manani
BBBEE	Uphuhliso Lwabantu abaNyama kuQoqosho Ngokubanzi
BFAP	Ibhunga lomgaqo-nkqubo wokutya kunye nophando kumgaqo-nkqubo wezolimo
BPCP	Inkqubo Yokushishina Kubabavelisi Abamnyama
BRICS	iBrazil, Russia, India, China noMzantsi Afrika
BSE	iBovine Spongiform Encephalosis
CAADP	Inkqubo Epholeleyo yoPhuhliso lweZolimo e Afrika
CADIS	Ulwazi Olugciniweyo ngeZifo kwiMfuyo ese Koloni
CAMIS	Ukugcinwa koLwazi oluHamba-hambayo ngeZolimo Ekoloni
CASIDRA	i-Arhente yaseKapa Ehlanganisa Uphuhliso Oluzinzileyo Emaphandleni
CASP	Inkqubo Epholeleyo Yokuxhasa kweZolimo
CBD	Isazulu Sezoshishino Nemisebenzi
CC	Ukutshintsha kweMo-zulu
CCC	Ukukhawulelana Nokutshintsha kweMo-zulu
CCS	Iinkonzo Ezisisinyanzelo Eluntwini
Cel	Iziko Lobugcisa Lobuxhaka-xhaka Obutsha Bukagesi
CEO	Igosa Elongameleyo
CFM	iCape Farm Mapper
CFO	Igosa Eliphezulu Kulawulo lwezimali
CHE	Ibhunga Lemfundo Ephakamileyo
CITCOM	Ikomiti Enkulu ngoLwazi Lobuchule Bokusebenza
CoE	Ukuhlawulwa kwemivuzo Yabasebenzi
Constitution	Umgqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika 108 ka 1996
COS	Ibhunga Labathathi-nxaxheba
CPAC	iKomiti Yolwabiwo lweProjekthi kwiiMveliso zoShishino
CRDP	Inkqubo Epholeleyo Yophuhliso Emaphandleni
CRT	Indawo Yovavanyo Lwamachiza Asaleleyo

CSC	Iziko leeNkonzo Zolawulo
DAFF	iSebe leZolimo,Amahlathi nokuLoba
DEADP	iSebe Lemicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso eNtshona Koloni
DEP	iSebe loCwangciso kuVavanyo Lwempumelelo Yomsebenzi
DJOC	iKomiti Yokwenziwa kwemisebenzi Ngokuhlangeneyo kwiSithili
DLG	iSebe loRhulumente Basekhaya
DLRC	iKomiti Yokubuyiselwa kweMihlaba yoLuntu kwiSithili
DoH	iSebe leZempilo
DORA	Umthetho OngoLwabiwa lweZimali zikaRhulumente
DPAC	iKomiti Engolwabiwo lweeProjekthi kwiSithili
DPME	iSebe Elijongene noKwenziwa, ukuLandelega umsebenzi nokuXilonga Impumelelo
DPSA	iSebe leeNkonzo Zoluntu Nolawulo lweMisebenzi
DRDLR	iSebe Lokubuyiselwa koMhlaba woLuntu noPhuhliso Lwasemaphandleni
DSD	iSebe Lophuhliso lwezoLuntu
DSG	iSebe Lobunzulu-lwazi Nobuchule
DTPW	iSebe lezoThutho Nemisebenzi kaRhulumente kuLuntu
DWAS	iSebe Lemicimbi yezaManzi Nokuhanjiswa kwelindle
EATI	Iziko Loqeqesho ngeZolimo e Elsenburg
ECSA	Ibhunga lezobuNjineri kumZantsi Afrika
ECSP	Icebo Lokuxhasa Ukufikeleleka Kumaxabiso
EERMCO	Ikomiti Yokusebenza Ngokusesikweni kunye noLawulo Lomngcipheko Kumashishini
EIA	Ukuxilongwa Kwempumelelo Eyenze Umehluko kokusiNgqongileyo
EPA	Isivumelwano Sentsebenziswano ngezoQoqosho
EPWP	Inkqubo Yemisebenzi Eyongezelwe Uluntu kuRhulumente
ERP	Inkqubo Yokuhlaziywa Kotyelelo Ezifama
ESA	i-Arhente Yezomoya e Yurophi
EU	Imanyano Yamazwe ase Yurophi
FAO	Umbutho Wokutya neZolimo kwiZizwe Ezimanyeneyo
FARE	Ikamva leZolimo noQoqosho Emaphandleni
FAS	Ukuzalela phantsi Ngokoyiswa komzimba Butywala
FEA	Amabhaso Anikwa ooSomashishini Angamakhosikazi
FET	Imfundo Ephakamileyo noQeqesho
FMD	Isifo Samanqina noMlomo
FRKP	Inkqubo Yokugcinwa kweNkcikacha Zezimali
FSD	Ukuxhaswa komFama noPhuhliso
FWD	Ukuphuhliswa Komsebenzi kweZolimo
GC	Ukutshintsha Izinto
GHS	Ubalo Lwabantu Emakhaya Jikelele
GI	Izikhombiso ngobume Bezulu
GIS	Ulwazi Olusetyenziswa Ngokobume Belizwe
GPS	Indlela Esetyenziswayo Ekuzilungiseleleni kwiHlabathi
ha	iHektare
HAS	Indlela Yokuhlolwa kweZempilo
HCD	Ukuphuhliswa Kwezakhono Zabasebenzi
HCDS	Icebo Lokuphuhliswa Kwezakhono Zabasebenzi

HCT	Uvavanyo Nokunikwa ithemba ngeHIV
HET	Imfundo Ephakamileyo noQeqesho
HIV	Intsholongwane Ebulala Ukusebenza Komzimba
HOD	Intloko yeSebe
HPA	Intsholongwane Ebangela Isifo soMkhuhlane oyi Avian Influenza
HR	Abezancedo Lwabasebenzi
IAMP	Isicwangciso Solawulo Lomhlaba Nezakhiwo
ICA	Iziko Lobuchule Ngezokupheka
ICT	Ubuchule Kulwazi Noqhakamshelwano
IDP	Isicwangciso Sentlanganisela Kuphuhliso
IFMS	Indlela Yolawulo Lwezimali Ngokuhlangeneyo
IFSS-SA	Icebo Lentlanganisela Yokugcinwa Kokutya kuMzantsi Afrika
IGDP	Indibaniselwano Kuhlumo Nesicwangciso Sophuhliso
IMC	Ikomiti yentlangano yabaPhathiswa
IMF	Ingxowa-mali yaMazwe –ngamazwe
IMI	Ukuhlolwa Okuzimeleyo Kwenyama
IPAP	Isicwangciso Sokumiselwa Komgaqo Wezoshishino
ISC	Ikomiti Eququzelela Indibaniselwano kuRhulumentu
ISCs	Ikomiti Eziququzelela Indibaniselwano kuRhulumentu
ISO	Umbutho Womisele Lwemigangatho kwiHlabathi
IT	Ubuchule Bokusebenzisa Ulwazi
JPI	Inyathelo Lokucwangcisa Ngokuhlangeneyo
LOGIS	Indlela Yokuthenga kukaRhulumente
LORWUA	Umbutho wokusetyenziswa kwamanzi e Lower Olifant
LREAD	Igunya Leengcebiso Ngokubuyiselwa Komhlaba Eluntwini
Ltd	Ukuphelelisa
LUPA	Umthetho Wokucwangcisa Nokusetyenziswa Komhlaba
MAP	Inkqubo Yokungena kwiiMarike
MASP	Iphulo Lokuthintela Inzala kwiMfuyo
MDG	Iinjongo Zophuhliso kwiNkulungwane
MEC	Ilungu Lebhunga Eliphezulu
MinMec	uMphathiswa nomhlangano wabaPhathiswakwiPhondo
MinTech	uMphathiswa kunye neKomiti yezobuGcisa kubaPhathiswa bePhondo
MOA	Isivumelwano Sentsebenziswano
MOU	Isivumelwano Sokuqondana
MPO	Umbutho Wabavelisi Bobisi
MTEC	iKomiti Yenkcitho Kwisiqingatha Sonyaka
MTEF	Isikhokelo Senkcitho Kwisiqingatha Sonyaka
MTSF	Isikhokelo Sobuchule Kwisiqingatha Sonyaka
NARS	Ulungiselelo Lokuhlelwa kweZilarha zokuXhela kuZwelonke
NCRCF	Inkqubo Yolawulo lweNtsalela Yamachiza Anobungozi kuZwelonke
NDP	Isicwangciso Sophuhliso kuZwelonke: Umbono ka 2030
NDVI	Indeksi Eqhelekileyo Yokuxilonga Izityalo Ngomatshini
NEPAD	Unxibelelwano Olutsha ngoPhuhliso lwe-Afrika
NERSA	Ulawulo Lamandla kaGesi kuZwelonke eMzantsi Afrika
NGO	Umbutho Ongekho-phantsi kukaRhulumente



NGP	Indlela Entsha kuHlumo
NIP	Isicwangciso Seziseko Eziluncedo kuZwe-lonke
NMMU	iDyunivesithi iNelson Mandela Metropole
NO	Iziphumo kuZwelonke
NPC	iKomishoni Yocwangciso kuZwelonke
NQF	Isikhokelo Seziqinisekiso Zemfundo kuZwelonke
OD	Uphuhliso Lombutho
OHS	Ezempilo Nokhuseleko EWMsebenzini
OIE	Umbutho weMpilo yeMfuyo kwiHlabathi
OQF	Isikhokelo Seziqinisekiso zeMfundo Emsebenzini
OSD	Uhlobo Lomsebenzi Okhethekileyo kwiNgqesho
PAPA	Umthetho Ongokukhusela Imfuyo
PAY	Iphulo leNkulu-baPhathiswa Ekuncedweni koLutsha
PDA	iSebe leZolimo ePhondweni
PDI	umntu Obekade Ezinjwa Amathuba
PDMC	Amaziko Olawulo Lwentlekele kwiPhondo
PDP	Isicwangciso Sonikelo-zinkonzo kwiPhondo
PERO	Ukuphicothwa Noqikelelo loQoqosho lwePhondo
PFMA	Umthetho Olawula Izimali zikaRhulumente (Umthetho 1 ka 1999)
PPECB	iBhodi Elawula Imveliso Ezonakalay kweziThunyelwa kumanye Amazwe
PRF	Umbutho Ophanda ngeeProthyni
PRKP	Inkqubo Yokugcinwa Ulwazi kwiMveliso
PROVIA	Inkqubo Yophando-nzulu kumngcipheko ngokuTshintsha kweMo-yeZulu, Umahluko esiwufumeneyo kunye nokuwulungiselela
PSDF	Isikhokelo Sophuhliso Lwemihlaba Eleleyo kwiPhondo
PSG	Injongo Ngamacebo ePhondo
PSP	Isicwangciso Ngamacebo ePhondo
QCTO	Ibhunga Elilawula Ukusulungeka Kweemveliso zoRhwebo Nemisebenzi
QMS	Indlela Esetyenziswa kuLawulo Lokusulungeka
RAAVC	Ukuhlaziywa kweZolimo kunye neendlela Zokuthengiselana iiMveliso zeZolimo
RD	Uphuhliso Lwasemaphandleni
RDC	Ukuququzelelwa koPhuhliso Lwasaemaphandleni
RPL	Ukuvunywa kweMfundo Ngenxa Engaphambili
RQOs	Iinjongo Ngemithombo Yoncedo Olusulungekileyo
RTDS	Iinkonzo Zophando noPhuhliso Lobuchule
RTF	Uphando neNgxowa-mali yoBuchule
SAB	Abadidiyeli Botywala kuMzantsi Afrika
SACNASP	Ibhunga Labasebenzi Abafundele Ubunzulu-lwazi ngeNdalo kuMzantsi Afrika
SADC	Imibutho yezoPhuhliso kumaZantsi e-Afrika
SAET	Imfundo Ehleliweyo noQeqeqsho kweZolimo
SALA	Ukwahlulwa-hlulwa koMthetho Womhlaba weZolimo (uMthetho 70 ka 1970)
SALGA	Umbutho Olawula ooMasipala kuMzantsi Afrika
SANAS	Indlela esetyenziswayo Ekuvunyweni kuMzantsi Afrika Uphela
SAQA	Iziko Leziqinisekiso zeMfundo kuMzantsi Afrika
SASSA	i-Arhente yezoKhuseleko loLuntu kuMzantsi Afrika
SCM	Ulawulo Lokuthengwa kwempahla neenkonzo zikaRhulumente

SCOA	Indlela Elandelwayo Ekunikeni Iimpendulo
SCOPA	Ikomiti Esebenza Ngokunikwa Kweempendulo Kulawulo Loburhulumente
SDF	Isikhokelo kuPhuhliso Lwamabala Aleleyo
SDG	Iinjongo zoPhuhliso Oluzinzileyo
SDIP	Isicwangciso Sophuhliso Lokunikelwa kweNkonzo
SIME	Ukuhlanganiswa kooMasipala ngokuHlanganiswa kobuChule
SIP	Isicwangciso Sobuchule ngoNcedo Olusisiseko
SITA	i-Arhente Yokugcinwa koLwazi lukaRhulumente Ngobuchule
SIZA	Inyathelo Lokuzinziswa koMzantsi Afrika
SMME	Amashishini Amancinane, Aphakathi Nasaqaliswayo
SMS	Imisebenzi Yabaphathi Abaphezulu
SOC	Inkampani Elawulwa ngokukaRhulumente
SOFI	Imeko Yokungabinakutya kwiHlabathi
SOP	Iindlela Ezilandelwayo xa kusenziwa uMsebenzi
SPCA	Umbutho Wokuthintela Inkohlakalo kwiMfuyo
SPLUMA	Umthetho Wokucwangcisa noLawulo Lokusetyenziswa kweMihlaba Eleleyo
SPS	Imilinganiselo Yococeko Nokulunga Kwezityalo Zentengiso
SRM	Ulawulo Lwemithombo Yoncedo Ngokuzinzileyo
STI	Usuleleko Olwenzeka Ngokulalana
SU	iDyunivesithi yase Stellenbosch
TAD	iZifo zeMfuyo Ezicanda Imida
TB	Isifo Sephepha
THRIP	Ubuchule Noncedo Lwezoluntu kwiNkqubo Yamashishini
TNA	Uhlalutyo Lweemfuno zoQeqesho
TR	Imimiselo ye-Ofisi kaNondyabo
TVET	Imfundo noQeqesho ngoBugcisa Nemisebenzi
UAMP	Isicwangciso Solawulo Lokusetyenziswa kweMpahla kaRhulumente
UTA	Icandelo Loncedo lwezoBugcisa
VPH	Unyango Lwemfuyo yoLuntu
VS	Iinkonzo Zonyango lweMfuyo
WCARF	Iqonga loPhando ngeZolimo eNtshona Koloni
WCDoA	iSebe leZolimo eNtshona Koloni
WCG	Urhulumente weNtshona Koloni
WCPVL	Igumbi Lovavanyo Lwamachiza Onyango Lwemfuyo kwiPhondo iNtshona Koloni
WCT	iTrusti Yezidlo Ezithambileyo Zasebusika
WCWSS	Indlela Yokuhanjiswa kwaManzi eNtshona Koloni
WIETA	Umbutho weWayini noRhwebo ngokuseSikweni kweZolimo
YPP	Iinkqubo Yezifundiswa Eziselula

### 3. INTETHO YOMPHATHISWA

Ingxelo yoNyaka-mali ka 2018/19 kwelii Sebe ibonisa indima esiyihambileyo kwiminyaka emihlanu edlulileyo kunye nempumelelo yeSebe leZolimo eNtshona Koloni ekufezekiseni umbono walo kwicandelo lezolimo ngemanyano, ukuphaphela izisombululo kunye nemisebenzi eqhakazileyo konke oko kwindalo ekhathalelweyo.

Ndivuyiswa kukuba, ngenxa yentsebenziswano ephilileyo, icebo lokukhokelisa phambili iimveliso zezorhwebo libonakalisa ukuba iyasebenza inkxaso yokuxhaswa kwabasaqalayo kushishino, ukufikelela kwiimarike kunye nenzuzo efumaneka ngokusetyenziswa komhlaba wamafama abuyiselwe umhlaba woluntu ngurhulument.

Le ntsebenziswano inweniselwe kwimisitho enje nge "Annual Provincial Agri Awards" eqaphela ze inike iwonga ngomsebenzi oncomekayo owenziwa ngabasebenzi kwezolimo ekwakheni uqoqosho lwase Ntshona Koloni. Oku, xa kuhlangele namathuba okuphuhlisa koluntu nanikwe abasebenzi kwezolimo kusengum'ba ophambili kweli Sebe nanjengokuba kuphucula amandla abo okuthatha inxaxheba kweli candela leemveliso, besenza igalelo kumanyathelo okubuyiselwa komhlaba kuluntu kunye nokwandisa iimveliso.

Ngokunjalo, ne "Annual Female Entrepreneur Award" iqaphela igalelo lamakhosikazi kweli candela leemveliso, ibhiyozela inzondelelo yabo kunye nempumelelo ze inike iwonga kwindima esetyenzwa ngamakhosikazi kwicandelo leemveliso zezolimo.

Ngokungathandabuzekiyo, imbalela ishiye umtshiki kwezolimo nangona kwezinye iindawo kubonakala ukubuya kohlaza emadlelweni, zisekhona iindawo ekusekubi kuzo.

Eli candela leemveliso libonakalise amandla okunyamezela ngoba kunyaka-mali ka 2018/19, zisande nge 1.4% iimveliso ezithunyelwa kumanye amazwe noxa besijongene namaxesha obunzima. Igalelo leli candela leemveliso libonakele kuqoqosho ngokubanzi kwa nangokuthunyelwa kweemveliso kumanye amazwe nekuthe kwavelisa kangange 51% xa kuthelekiswa nazo zonke iimveliso eziphume kweli leNtsona Koloni.

Le mpumelelo ingoyanyaniswa kwintsebenziswano emmandla nethe eli Sebe, lihlangene namanye amaSebe kuZwelonke, kwiPhondo nakooMasipala kuquka nabavelisi beemveliso zorhwebelwano.

Ndinovuyo kuba eli Sebe lisaqhubela phambili ngokuhambisana ne 4IR nanjengokuba iqhubela phambili imizamo yalo ekuqinisekiseni uzinzo kweli candela leemveliso. Ubuchule obutsha bale mihla nobunje nge Sentinel-2 Portal kunye nezinye izixhobo ezisebenza usekude kuzo buzakuqhubela phambili busenza umsebenzi obalulekileyo kwimizamo yethu yokuqubisana nokutshintsha kwemo yezulu.

Ngokuqinisekileyo, ndijonge phambili ekubeni ndibe yinxalenye kumanyathelo amatsha nanjengokuba ukwenziwa kweendlela zokuqhubela-phambili ngomsebenzi xa kunokubakho ukungasebenzi kakuhle kwemitshini yethu ukuze siqiniseke ngokuthunyelwa kwamanzi nogesi xa kunokuthi ugesi ungabikho okanye xa kuphele amanzi, ulawulo lwemo-yezulu kunye nokuphuhlisa kobuchule obutsha.

Ezolimo lugcwalisa ingobozi yokutya eNtshona Koloni yaye siyakusoloko siqhubela phambili ngokubhiyozela iimpumelelo ezinziwa leli candela leemveliso yaye

sihambisana yaye siyilawule imingeni yalo ngokusebenzisana, ukuveza izinto ezintsha nokusebenzisa ubuchule bale mihla.

**GQR. IH MEYER**

**Umpathiswa weZolimo**

**Umhla: 31kuCanzibe 2019.**

## **4. INGXELO YEGOSA ELONGAMELEYO**

### **4.1 Amabal'engwe ngemisebenzi ekweliSebe**

Xa sithetha ngokusetyenziswa kogesi, sikwazile ukuhlala sinazo zonke izinto eziluncedo, nekuthe kwanceda ekunciphiseni ukusetyenziswa kangange 20% kunye namanzi kangange 50% rhoqo ngenyanga. Le mithombo yoncedo ithe gqolo ngokunyuka ngamaxabiso nekuye kwafuneka ukuba zihlawulwe ngezimali ezikuhlalo lwabiwo-mali lwethu. ngokombiwa kweliso lesithathu lamanzi atsalwa phantsi komhlaba, kuyakuncipha ngakumbi ukuxhomekeka kweli Sebe kumasipala ngokufumana amanzi.

Nangona inkqubo yokugaya abasebenzi ihamba ngesantya esiphantsi, ngama 280 ulutsha oluthe lwathatha inxaxheba kwiinkqubo ezahlukeneyo zophuhliso kulonyaka sikuwo. Elinye i 120 lolutsha lwabasandulu'ukuphumelela kwizifundo zesidanga kwezolimo nabebexhaswa ngeNkqubo Yokuxhasa Ezolimo Ngokupheleleyo (CASP) lidlule kunyaka walo wokuqala kwemibini ye "Internship" kumafama kunye nabaqeshi ababamkeleyo. Le nkqubo yezifundiswa eziselula ivelise umfundo wokuqala ophumelele izifundo zakhe kumgangatho wobuGqirha kwakunye noMgqatswa wokuqala wom-Afrika kwizifundo zobuNjineri nofumene inkxaso yethu kwa ukususela kwibanga le 11 yaye ngoku sele eqeshiwe kwa leli Sebe.

Emva kweminyaka emithathu yembalela enzima ukususela ngo 2015 ukuya ku 2017, ubusika bomnyaka ka 2018 busizisele isiqabu kwimbalela, ngemvula elinganiswe neyisiqhelo kwiindawo ezisentshona nakwezisenxwemeni. Noko kunjalo, ekupheleni kweyoKwindla 2019, imeko yembalela kum'mandla we Klein Karoo ne Central Karoo iye yabe isemaxongo nomthamo wamanzi okumgangatho osengaphantsi kwe 10% emadameni amakhulu. Umhle kakhulu umgangatho womthamo wamanzi aselugcinweni lwamadama amanzi kwiNtshona Koloni (WCWSS) nekude wafikelela kuma 75% kweyeDwarha 2018, nje phambi kokuqalisa kokutsha kwamanzi. Ukuze sikwazi ukuthintela umngcipheko wokungabinamanzi kwixesha elizayo, i WCWSS iye yacutha ukusetyenziswa kwamanzi kangange 10% kulwabiwo lwamanzi asetyenziswa kwezolimo nakumacandelo eemveliso ezidolophini kunyaka ka 2018-2019. Kumnyaka ophelileyo, kuye kwamiselwa ukucuthwa ukusetyenziswa kwamanzi kangange 60% kwezolimo, ze acuthwa nge 45% kwimisebenzi esezidolophini. Ekupheleni kweyoKwindla 2019, umthamo wamanzi aselugcinweni lwe WCWSS ubusemi kuma 50% xa kuqhathaniswa nama 21% kweyoKwindla ku 2018.

iProjekthi ye "FruitLook" isebenzile ekongiweni kwamanzi ngamafama akhushishino kunye nasakhulayo ekunkcencesheleni. Le projekthi iquka zonke iindawo ezinkcenceshelayo eNtshona Koloni. Rhoqo ngeveki, lakufika ixesha amafama anikwa ulwazi ngamanzi ekufuneka ewasebenzisile kwizityalo kunye nezinye iindlela ezisibhozo zamaxesha okukhula, konke kwenziwa ngokusebenzisa ikhompyutha nge "FruitLook". Ukutshintsha kwemo yezulu kunye nomonakalo obangelwe yimbalela kubangele ukunyuka kokufuneka kwamanzi ngokongezelekileyo kweli Phondo. iFruitLook yonyaka-mali ka 2018-19, ngama 617 amafama abhalisele ukusebenzisa kangange 90 063 yeeHektare zomhlaba kunyaka omnye nekuquka iiHektare ezingama 47 224 zomhlaba kumasimi angaphantsi kweeHektare ezingama 25, nekubonakala njengokusetyenziswa okanye ukunyuka kumafama.

Umbutho wokusetyenziswa kwamanzi iLower Olifants River (LORWUA) uxhaswe ngemali eyi R3.026 yezigidi ukuze kwenziwe udonga lokugcina ukucoceka kwamanzi

ahamba emseleni. Ngaphezu koko, iLORWUA ibike yaxhaswa ngemaali eyi R 8.7 yezigidi ekuxhaseni uphuhliso lokwenza ulungiselelo olungxamileyo lokunikela ngamanzi aphuma phantsi komhlaba.

Isiphakamiso seSebe leeNkonzo Zamanzi (DWS) sokwandiswa kweDama lase Clanwilliam siyakwandisa kakhulu umthamo wamanzi kweli dama kangange 70 yezigidi m<sup>3</sup>/a, ngonyaka. Kujongwe ukuba amashumi asixhenxe ekhulwini kula manzi azakongezeleka ancede kuphuhliso lwamafama asakhulayo ze aseleyo ongeze kumthamo wamanzi esiphila ngawo. Eli Sebe linegalelo elenzayo kwizifundo ngophandi-nzulu olumalunga nokusetyenziswa kwamanzikunye neziseko ezifunekayo zoncedo ukuze kunikezelwe amanzi kwiindawo ezikwimida yeefama.

Eli Sebe lisebenza indima ebalulekileyo ekumiselweni kwesiCwangcisoSokuphuculwa kwe Berg River (BRIP), nesijongene nokuphuculwa nokusulungeka kwamanzi akwi Berg River ze kuphuculwe impilo yoluntu oluhlala malunga nomgama ozi khilomitha ezingama 260 phezu komlambo. Impumelelo ekusetyenzisweni kwendlela elandelwe kwi BRIP iye yaphindwa yasetyenziswa kwi Breede River. Ukuphuhliswa kwabagqatswa abasebatsha nakubuGcisa kwezobuNjineri ukuze bafumane amava afanelekileyo kwezobuNjineri, ukuze bakwazi ukubhalisa ubulungu kwiBhunga lezobuNjineri kuMzantsi Afrika (ECSA). Omnye umfundi kwezobuNjineri lulwakhiwo lweebhulorho neendlela njl njl, uphumelele izifundo zakhe kumgangatho wee"Masters" ze omnye kwicala lezobugcisa kubunjineri wenza isicelo sokubhaliselwa ubulungu njengomsebenzi kwi ECSA.

iNkqubo Yokubuyiselwa koMhlaba woLuntu nguRhulumente eNtshona Koloni ikhokelela ekuwongweni ngoLawulo Lwemithombo Yoncedo Ngokuzinzileyo kwitheko lokungwa kuZwelonke Ngokukhathalela Imihlaba. iNtshona Koloni izikhelele amabhaso ali 12, kuquka neegolide ezine kwiNkomfa Yolondolozo Lomhlaba kuZwelonke liSebe leZolimo, Amahlathi nokuLoba.

Ngokumalunga nokusetyenziswa komhlaba, ukulinywa kwezityalo kungenzeka kuphela kumhlaba ongangezigidi ezimbini zeeHektare noyi (15, 45%) yomhlaba waseNtshona Koloni. Ngenxa yoko, ukuyilwa kovavanyo lwempumelelo yomsebenzi kunye nonikelo lwentetha ngokukhula kwenani lezicelo zokwahlulwa kwemihlaba kunye /okanye nokutshintshwa kweenjongo zokusetyenziswa kwemihlaba yezolimo lwenzelwe ukugcina uhlobo lomhlaba wethu ongaqhelekanga kunye nemveliso yawo ephakamileyo kwezolimo ze luqinisekise ukuphelelisa kunye nentlanganisela kulawulo kunye nokusetyenziswa komhlaba, kuquka nokusetyenziswa komhlaba kunye nemithombo yoncedo ngendalo kwimveliso, kungalityelwanga ukubaluleka kokulondolozwa nokuthintela ukuqhekeka komhlaba. Ngoko ke, kunyaka-mali ka 2018/19, zingama 802 izicelo eziphononongiweyo zokutshintshwa kweenjongo zokusetyenziswa komhlaba.

Sele kuzakufikelela ekuqakunjelweni ukwabiwa kwe R190.263 yezigidi ngenxa yezikhukula kumnyaka ka 2011/12 (inkcitho esele yenziwe ingange 60%)kunye nemisebenzi emine emikhulu yokuhlaziywa komonakalo wezikhukula nesele kwenziwe kwiSithili sase Overberg. Ngoku, ulwabelo lwezikhukula zomnyaka ka 2013/14 noluyi R95.542 yezigidi lukwisigaba sokwenza iiprojekthi ezimbini nezise (Cape Winelands nase Central Karoo. iNtshona Koloni sele ikunyaka wesine wembalela. Kwezinye iingingqi zeli phondo, amadlelo ayaqalisa ukulunga, nangona kunjalo, kwiingingqi ezinje nge Central Karoo, emimye imimandla kwiingingqi ye Garden Route nakwiSithili se West Coast, amadlelo aya ngokonakala ngakumbi. Ngokusebenzisa i CASP, i NDMC inike iNtshona Koloni imali eyi R170 yezigidi. Rhoqo ngeminyaka emibini,

kuzakwenziwa uhlolo lomngcipheko ngentlekele kulo lonke eli leNtshona Koloni noluzakuba yinxalenye yendlela yethu yokulumkisa kuselithuba kwakunye nendlela yokuqubisana nentlekele yaye ngenyanga yoMdumba 2019, sifumene i R10 yezigidi neyiyeyokubuyisela iimeko esikqhelweni kwimeko yemilibelo yakwi Garden Route ngo 2018. Kungoku nje, eli Sebe linceda amafama onakalelweyo ngenxa yalo mililo.

Inkaubo Yophuhliso Nokuxhasa aMafama iqhubele phambili ngokumisela icebo leemveliso zezorhwebo ukuze amafama axhamle kwinqubo yobuyiselo lomhlaba ngurhulumente akwazi ukungena kushishino. Le nkqubo se ihlangene kunye namaqabane ayimibutho eli 10 yeemveliso ekurhwebelana ngazo nejonge ekomelezeni inkxaso enikwa amafama axhamle kwinqubo yobuyiselo lomhlaba ngokubekwa esweni kunye nokungena kwiimarike. Ukurhwebelana ngeemveliso lulungiselelo olwenziweyo elirhwebesha zonke izigaba zikarhulumente kwakunye nabakushishino lwabucala, elowo eyiqonga ngokucacileyo indima emakayisebenze kusetyenzwa ngokucombulula okukwisiwangciso esinye, ngenjongo yokufikelela kwiziphumo esinye. Kulonyaka sithetha ngawo, sele kuxhaswe iiprojekthi ezili 112 zizonke, zona zezi zilandealyo: 3 aweDiliya yeWayini, 32 Eziqhamo, 2 e Citrusi, 6 Izidiliya, 15 kuMbona neNgqolowa, 14 kwiMifuno, 24 Enyama Ebomvu (eyeNkomo neGusha) kunye ne 16 yeNyama Emhlophe (eyeHagu neeNkukhu). Ngokusebenzisa iimveliso zezorhwebelwano, ewonke ngama 49 amagosa adityaniselwe ukukhankathela amafama asakhulayo ekuncedeni ukulungiselela ukungena kwiimarike nekuyinto ebalulekileyo kuzinzo lwezoshishino. Kuhle ukuba ichazwe into yokuba la makhankatha akahlawulwa leli Sebe engahlawulwa nangamafama lawo, kodwa ahlawulwa ngenkxaso eligalelo ngesigqibo sokuzibophelela kwemibutho yabavelisi bezorhwebelwano.

Le nkqubo iphume izandla ekuhlinzekeni ISimpoziam yomnyaka wesi 9 Ngonikelo Lweenkonzo neeNgcebiso leli Sebe, nebibanjwe ukususela ngomhla we 18-20 e West Coast. Le seshoni inike iqonga lokwabelana ngolwazi nonikelo lweenkonzo ngokuhlangeneyo phakathi kwamagosa otyelelo lwamafama nonikelo lweengcebiso kuzo zonke iinqubo zeli Sebe. Ngaphezu koko, kwakuleseshoni, kuye kwamenywa amafama asakhulayo ukuze azokunika ubungqina ngendlela ancedwa ngayo leli Sebe. Ngokumalunga neNjongo Yobuchule 2 kweli Sebe, nenjongo yayo ikukuqinisekisa ngobuncikane bama 70% kwimpumelelo yomsebenzi weeprojekthi zababuyiselwe umhlaba wezolimo ngurhulumente, kwenziwe uphando lwangaphandle ngokubuyiselwa komhlaba wolimo kuluntu ngurhulumente ukuze kuxilongwe impumelelo kwiiprojekthi zezolimo ezixhaswe leli Sebe ukususela ngo 2014-2019. Olu phando luxilongwe iiprojekthi ngokweengongoma ezintlanu zazo zempumelelo, nezizezi: i) kujongwe ukuba ingaba ishishini elo linako na ukufikelela kwiimarike, ii) imveliso eyaneleyo kunye noshicilelo lokuthengisiweyo nentengiso yazo, iii) kujongwe ukuba ingaba ingeniso eyenziweyo iphinde yatyalwa kwangaphakathi ekukhuliseni ngakumbi, iv) kukhangelwe ukuba ishishini liyawuthobela na uthetho werhafu kunye nowezabasebenzi ze v) kujongwe ukuba ingaba sihona na isicwangciso esitsha sokusebenza. Ngoko ke, olu phando lubonakalise iziphumo zama 72% empumelelo kwiiprojekthi ezingama 243 nekukwenza ngcono kangane 10% xa sithelekisa nophando oludlulileyo.

Inkqubo yeeNkonzo Zonyango Lwemfuyo iqhubela phambili ngokunika iziqinisekiso ezingeemveliso ezithunyelwa kumanye amazwe nezinikwe oosomashishini abali 100 kwiimveliso zemfuyo, kwezityiwayo nakwezingatywayo ezenziwe kwiPhondo leNtshona Koloni.

Kwakhona, le nkqubo imisele ngempumelelo iimfuno ezinezomthetho malunga nomthetho we Meat Safety Act (Umthetho 40 ka 2000) kwizilarha zokuxhela ezimalunga nama 66 kweli phondo yaye akufumanekanga kutya kunathyefu okuvele kwizilarha zethu kulo nyaka sithetha ngawo.

Igumbi lovavanyo lamachiza onyango lisaqhubekela phambili ngokufumana amanani akhulayo kwiisampulu ezizoovavanywa. Uninzi lwazo lubangelwe kukubekwa esweni kweenciniba kunye neentaka ezinkulu kwintsholongwane i Avian influenze (umkhuhlane weentaka)H5N8. Xa kuthekelelwa, ngama 54% ezicelo ezifunyenwe liziko lovavanyo lwamachiza nezivela kumanye amaphondo. Uvavanyo lwenziwe ngokukumgangatho ophezulu (ongwe ISO 17025) yaye phakathi kwamaxesha amisiweyo. Eli gumbi lovavanyo lwamachiza onyango isekwa lelokuqala kwezonyango lwemfuyo kweli phondo nelilungele ukunyanga izigulo eziyi "African Hors Sickness" (AHS) nevavanya i PCR yaye liphumelele olunye uphengululo/vavanyo lwe SANAS kulonyaka sithetha ngawo. Uninzi lwezixhobo zokusebenza kwigumbi lovavanyo Lwamachiza Aseleyo belulungele ukusetyenziswa kodwa kungumngeni omileyo ukufumaneka kwabasebenzi abasele bephumelele ezifundweni.

Abenkqubo Yophando noPhuhliso Lobuchule bawenze ngokuzinileyo umsebenzi wonikelo lweenkonzo nabawuthunywe leli Sebe. Le mbalela ikhoyo ibangele ubunzima obukhulu kwimisebenzi yophando, uphando kwimihlambi yempahla, ukuveliswa kokutya kwemfuyo efama kunye nokufumaneka kwamanzi. Kananjalo, ingqolowa ibisemngciphekweni ngenxa yemeko yembalela. Imimoya ebhudla ngamandla ibangele ilahleko engama 50% kwisivuno kwifama yovavanyo i Langgewens. Le mbalela ibangele ukwehla ekuvelisweni kokutya kwemfuyo ngamafama. Oku kukhokelele kuxinzelelo olumandla nanjengokuba kufuneka ukutya kuthengwe kwabathengisayo, ngamaxabiso aphezulu ngenxa yokunqongophala kokutya okubangelwa yile mbalela ingapheliyo kwamanye amaphondo kweli loMzantsi Afrika.

Ubuchule obuzakwenziwa yile nkqubo buquka uphanzo-nzulu olubalulekileyo, uphuhliso nokuqhelisa ubuchule obufnelekileyo ekuqinisekiseni uzinzo kwiimveliso, ukusasazwa kolwazi olungophando ngeendlela ezilula nangokuthumela ngekhompyutha kwakunye nokulondolozwa kwefama zophando ezisixhenxe, siqinisekisa ngemeko evumelana nokwenziwa kophando kwizithili ezithile zeli leNtshona Koloni.

Phakathi konyaka-mali ka 2018-19, kuqhubele phambili ukumiselwa kwesiCwangciso se SmartAgri (nesiluPhuhliso LwesikhokelokuTshintsho lweMo-zulu kunye nesiCwangciso sokuMiselwa kwecaandelo leemveliso zezolimo nolugqitywe ngo 2016) kweli Sebe nakwicandelo leemveliso ukuze kwenziwe icandelo leemveliso elimelana nokuTshintsha kweMozulu kwezolimo yaye kuzakuhlala kuyinto esijongene nayo nakwiminyaka ezayo.

Kwenziwe iinkqubo zophando kunye neeprojekthi ezigqibeleleyo nezigxile eluntwini ngobunzulu-lwazi obungemfuyo nezityalo ngokunika ingqalelo kwiimfuno nemingeni kwiimveliso zorhwebelwano, ushishino kunye namafama asakhulayo. Kumzabalazo wokuthoba iindleko nokunyusa umgangatho weemveliso ngenjongo ekukuphakamisa iimveliso kwezolimo nge 10% kule minyaka ilishumi ilandelayo, kunikezelwe ngeengcebiso ngezobuGcisa ngokusebenzisa iWebhusaythi ngekhompyutha kunye neenkonzo zokuxilonga kuquka nokuhlalutya kuninzi



Iwabantu esisebenzisana nabo kweli Sebe nangaphandle ngenkxaso yemisebenzi ezinzileyo kwezolimo.

Lo nyaka uqalise ngeeprojekthi ezingama 73 kuphando. Zilishumi elinesibhozo iiprojekthi ezintsha neziphunyezwe yikomiti yeeprojekthi zophando xeshikweni iphonononga ubukho nokwanela kwezimali kwakunye nabahlohlo bokukhankatha kwezi projekthi zophando.

Phakathi konyaka ka 2018-19, phinde yasebenza ngokumandla intsebenziswano ephakathi kwabenzi bophando, imibutho yamashishini kunye namafama, oku kukhokelele kwimihlangano emininzi ebingalindelekanga nemibutho yezoshishino, kuxoxwa ngemiba engophando kunye nemingeni kwimibutho yezoshishino. Le mihlangano eyinikanga nje abaphandi ithuba lokunikisa ngabakuphandileyo kodwa isekwancede ngokwazisa ngeemfuno xa kusenziwa uphando kunye nemingeni yabantu esisebenzisana nabo kubenzi bophando kwakunye nokuhlenga-hlengiswa kwimisebenzi yophando. Ezi ngecebiso zibe ngundoqo obe luncedo kakhulu kule meko yale mbalela.

Kwakhoba, ubugqibelele umsebenzi wonaniselwano ngobuchule kuzo zombini iinkalo zophando-nzulu kwa nomsebenzi oqhelekileyo. Ngamashumi amathathu anesithathu amaphepha obunzulu-lwazi athe apapashwa, ngeli xesha kwenziwe unikelo-ntetha ingamashumi amane anesithathu kwimisitho engokubonisana ngezophando. Kwelinye icala, likhulu elinamashumi amathandathu anesibini unikelo ntetha olwenziwe kwimisitho engonaniselwano ngobuchule, likhulu elinesine lamanqaku lipapashwe kumaziko eendaba ze asasazwa kwiinkqubo ezingamashumi amabini kunomathotholo. Iqela labaphandi liququzelele imisitho elishumi elinesixhenxe yokwabelana ngobuchule, ngoxa kuveliswe iincwadana zolwazi ezilishumi elinesine ze zathunyelwa kubantu esisebenzisana nabo. Ngaphezu koko, ukusetyenziswa kobuchule ngekhompyutha kudlulele kunokuba bekulindelwe.

Yandisiwe inkxaso kwiinkonzo Zonikelo loLwazi nguRhulumente ngeKhompyutha kuze kuncedakale bonke abantu esisebenzisana nabo, phakathi nangaphandle. Ngaphezu koko, indlela entsha esetyenziswayo ekunukeleni ngolwazi kunue nokulinga ukusebenzisa ubuchule obutsha njenge "drone" isinike enye indlela yokubonisa kwiinkqubo zophando nokuqokelewa kweenkcukacha zolwazi nasekunukeleni ngeenkonzo.

Kumgangatho woomasipala, abasebenzi kuphando nezobugcisa baxhase inkqubo yokubuyiselwa komhlaba ngurhulumente kuluntu nokuphuhliswa kweendawo ezisemaphandleni, ukusongelwa kweemveliso zezolimo kwakunye nemibutho yamashishini ezityalo ezingaqhelekanga, ngolwazi nangezixhobo zokunceda ekuthatheni izigqibo ngamabala aleleyo. Ikhulile intsebenziswano phakathi kwemibutho yamashishini yaye nezicelo ezifunyenweyo ukuba kuncediswe kuphando-nzulu kwizifundo zophando kwimifundo enomsila zicacisa ukubaluleka noqhakmshelwano ngemisebenzi engophando-nzulu, ubambiswano phakathi kweli Sebe kunye namanye amaziko ezemfundo ephakamileyo kunye nemisebenzi eyenziweyo ekuphuculeni ulwazi lwabasebenzi ngemisebenzi abayenzayo njengenjongo yokwenza isizukulwana esitsha sabalimi, abaphandi-nzulu kunye nabasebenzi bezobugcisa.

Ngaphezu koko, iifama zophando zibaluleke ngakumbi nanjengokuba kufuneka zibe ziindawo ezibalaseleyo kuvavanyo lophando okanye kumaqabanye aphantsi kwezophando kunye nakubafundi abenza izifundo zophando kwimifundo enomsila.

Ngale ndlela, ikhulule intsebenziswano kwezophando nekuyingenelo kwicandelo leemveliso zezolimo kwiNtshona Koloni. Icandelo leemveliso zezolimo libonakalise ukomelela kunyaka ka 2018/19, nanjengokuba iimveliso ezithunyelwe kumanye amazwe zikhule nge 1.4% nangona belujongene nembalela emmandla kule minyaka imbalwa idlulileyo. Noko kunjalo, kubalulekile ukuba sazi ukuba ilicandelo leemveliso elibalulekileyo kuqoqosho lweNtshona Koloni njengakwiminyaka eli 10 edlulileyo, inyuke yayi R 20.7 yamawaka ezigidi ingeniso yeemveliso zezolimo ezithunyelwe kumanye amazwe ukususela ngo 2007 de yadlula kwi R63.8 yezigidi zamawaka ngo 2017. Oku kulinganiswa nokukhula okuyi 11.8% ngonyaka kule minyaka ilishumi idlulileyo nekube yintsebenzo encomekayo kweli candela leemveliso lijongene neengxaki ezinzima. Ngoko ke, umsebenzi weli candela leemveliso unegalelo elibonakalayo kuyo yonke imisebenzi engezoqoqosho ngokweemveliso ezithunyelwa kumanye amazwe neziphuma eNtshona Koloni nanjengokuba eli candela leemveliso livelise ama 51% azo zonke iimveliso eziveliswe kweli phondo. Ukuvulwa kweemarike kunye nezinye iinkonzo zokuncedisa kweminye imibutho yezoshishino kubonakala ngathi kwenze igalelo elihle ekwandiseni iimveliso ezithunyelwa kumanye amazwe neziphuma eNtshona Koloni. Phakathi kwalo nyaka sithetha ngawo, amaqonga okukhuthaza intengo kumanye amazwe aye asebenzela ekubeni de kuthengiswe iimveliso ezixabise ngaphezu kwe R 20 yezigidi. Noko kunjalo, kusekuninzi ekuthe kwagqityezelwa emva kokuba kuhlinzekwe imisitho ethile ngoku. Uhlalutyo lwezoshishino olwenziwe kwiiNkonzo zezoQoqosho kweZolimo (AES) lubonise ukuba ngomnyaka ka 2017, phantse ngama 54% azo zonke iimveliso zelicandelo leemveliso nezithunyelwe kumanye amazwe, zithunyelwe e Yurophu ngokukodwa e UK nase Netherlands. Kodwa ke, simele siqaphele into yokuba yehlile impahla esiyithumela e Yurophu xa kuthelekiswa nakumaxesha adlulileyo. Oku kwehla kubangelwe kukukhula okumandla kweemveliso ezithunyelwe kwilizwekazi lase Asia (22%-31%) nase Afrika (5%-9%) phakathi komnyaka ka 2007 no 2017.

Xa sijonge kwicala lokutya, iziselo kunye necuba, kuye kwabonakala utshintsho phakathi kwe Namibia ne Botswana nezibe zezokuqala nesithathu ngobukhule ekuthunyelweni kweemveliso zeNtshona Koloni kumanye amazwe de kube ngu 2017. Nelizwe lase China liye lalandela ekubeni libe lelinye ilizwe elithenga kakhulu kwiimveliso zeli Lizwe. Kubaluleka ukuqaphela ukukhula kwe Afrika njengelizwekazi elithembakeleyo ekuthengeni iimveliso zokutya, iziselo necuba zeli phondo nanjengokuba lithenge kangange 44% ngo 2017 kunaxa kuthelekiswa ne 15% kwiminyaka elishumi edlulileyo, nto leyo ilenza libe lelona Lizwe lithenga kakhulu kule ngingqi. Nangona ibikhona imingeni ngokuthunyelwa kweewayini e Angola nanjengokuba i Project Khulisa iyiphakamise ngokuphindwe kabini inkuthazo yokuthengwa kwayo phakathi komnyaka ka 2016-2017 nasemva kokuhla kwamaxabiso e-oli ngo 2014/15. Ukuthunyelwa kweemveliso zewayini e China kukhule nge 109% ngo 2017. Ngo 2018, kuhlile ukuthengwa kweewayini lilizwe lase China ngenxa yokutshintsha kweemeko zeemarike kodwa kona ukusongelwa kweewayini kunyuke nge 17%, ngeli xesha ixabiso layo linyuke nge 33% kwiDola yase Amerika nekulapho iProject Khulisa igxile khona. Kwezi marike kugxilwe kuzo nange Project Khulisa, kunikwe ingqalelo enkulu kwiimveliso eziphuma kubavelisi abamnyama nabasafuna ekufaka iimveliso zabo nokukhulisa amagama eemveliso zabo kwiimarike. Ekuxhaseni oku, uhlalutyo oluqhubekayo ngezorhwebo nolugxile kwilizwekazi iAfrika lwenziwa ngabenkqubo ye AES. Olu phando luseyinxalenye yencwadana i Bureau yonyaka kuMgaqo woKutya neZolimo (BFAP) kunye nokumiselwa kwayo rhoqo ngonyaka. Ukuze sihlale sikwazi ukungena ezimarikeni, ingakumbi ezae Yurophi nakwezinye iimarike esele ziphuhlile, eli Sebe lisebenzisa imali elingana ne R2.5 yezigidi ngonyaka kumacandelo eemveliso zewayini neziqhamo

ukuze kwandiswe iinkqubo zokurhweba ngokusesikweni. Ngenxa yokunikela ngale nkxaso, kuqeqeshwe abathathi nxaxheba abali 1102 ngezorhwebo ngokusesikweni kuyo yonke imigangatho, ngeli xesha ubulungu kwezorhwebo ngokusesikweni kukhule ukususela kuma 2490 ngo 2017 kwaya kuma 2732 ngo 2018. Icandelo lezoTyalo-mali kweZolimo likwazile ukurhwebesha utyalo-mali oluxabisa R653 942 142, nalopho kudaleke izithuba zengqesho eziqikelelwa ku 487. Eli candela livale unyaka ka 2018/19 lineeproyekthi ezingama 27 ezisezakwenziwa nezilutyalo-mali oluhle kakhulu.

Inkqubo Yocino Loshicilelo Lweenkcukacha Zezimali, nekukungenelela kubuyiselo lwemihlaba yoluntu ngurhulumente iquka iiprojekthi ezingama 68. Kwezi projekthi, ama 43 akwicandelo lobugcisa ngogesi kwezi ngama 25 zesandla. Amashumi amathathu anesihlanu kula ma 43 eeprojekthi ngobugcisa kugesi sele zigqibile ngoshicilelo lweenkcukacha ezingezimali kwasekupheleni konyaka. Amashishini abo ayohluka-hlukana ngokukhula ngokufezekisa iimfuno ezingummiselo kodwa uninzi lwawo ayayihlawula irhafu kunye nerhafu ehlawulwa ngabasebenzi, ingxowa-mali ye-Inshorensi Yokungaphangeli kunye ne Work'sman Compensation. Inxaso enikwe kwiiprojekthi ezingama 43 kubuyiselo lomhlaba eluntwini ngurhulumente neluyinxenye yeNkqubo Yokungeniswa kwiiMarike yenze igalelo elikhulu kwimpumelelo yeprojekthi zobuyiselo lomhlaba eluntwini ngurhulumente eNtshona Koloni. Ukususela apha, kuphinde kwahlaziyeka ama 57 yamakhonkco okuvuleka kweemarike, ngaxeshanye kutyikitywe ama 29 eeprojekthi ezintsha. Eli khonkco likhokelele kwintegiso ngemali ezi R12 423 321 yezigidi kumashishini abamnyama. Inxaso enikwe ngezobugcisa kumashishini ngale nkqubo ikhokelele kwi R 6 465 271 yezigidi zoncendo-mali oluphunyeziweyo.

Kuveliswe iingxelo ezingamashumi amathathu ananye nezisekelwe kuphando olwenziwe ngokukhethekileyo ngabecandelo lakwa Macro and Resource Economics. Okona kubalulekileyo koku kukuphicothwa koMthetho Osayilwayo weRhafu yeCarbon ka 2017, ukuphicothwa kwempumelelo yomsebenzi ngembalela ebikwi Lower Olifants River kunye necandelo lezolimo kuPhicotho Lwembonakalo yoQoqosho kwiPhondo nelubonise ukuba lungaluncedo ekwaziseni ingakumbi kubenzi bezigqibo kwimigaqo. Ezinye zeziphumo zophando zisaphicothwa ngabanye abaphandi oko kubanakalisa ukuchubeka komgangatho kuphando olwenziweyo njenge nxalenye yeNkqubo ye AES. Ukumiselwe kwe Baseline ye BFAP rhoqo ngonyaka, nekungomnye wemisitho ebalulekileyo kwikhalenda yecandelo leemveliso zezolimo, uhlinzekwe kweyeThupha 2018. Ekuncedisaneni nophando olwenziweyo, kwenziwe idatabase efikelela kwi 154 nesele ibhengwe kwakulo nyaka sithetha ngawo. Le yimpumelelo enkulu nanjengokuba kungekho enye inkqubo enokumelana noku kumanye amaphondo. i Gree Agri Portal, web based portal kunye nesixhobo sokusebenza i one-stop kubantu esisebenzisana nabo kunye nakubathathi nxaxheba abanomdla ekubandakanyekeni kwi green economy, nebonakalisa ukubaluleka kwayo ukususela kwamhla yamiselwa ngawo yaye ibekwe esweni ukuze isetyenziswe rhoqo ngenyanga. Esi sixhobo silungiswa rhoqo ngentsebenziswano nabakwa GreenCape. Ngenxa yolu thelelwano, eli candela leemveliso liyaxhamla kwingxelo yonyaka ngolwazi olungeeMarike noluyingqokelela yophando olwenzelwe ukuhlaziya ukukhuliswa kweemveliso ze smart agri.

Inkqubo yeMfundo Ehleliweyo noQeqesho kweZolimo (SAET) inikezele ngeenkqubo zemfundo noqeqesho oluvunyiweyo kwiZiko loQeqesho lweZolimo e Elsenburg (EATI) nakwezinye izikhundla zalo ezikwezinye iindawo.

Inkqubo ephantsi yoPhuhliso lwezaKhono kweZolimo (ASD) inikele ngeentlobo ezine (4) zeenkqubo zeLearnership kunye nezifundo ezifutshane ezingaphezu kwama 40. kweYomnga 2018, kuthwaliswe isidanga kuma 54 abafundi abathe baphumelela, nalapho ama 22 abo baqhubela phambili ngeenkqubo zeMfundo Ephakamileyo noQeqesho (HET).

Kwinyanga yoMqungu 2019, kubhaliswe ikqubo yeLearnership ibhalise abafundi abangama 63 ukuze bafumane uqeqesho ngokwe learnership kumgangatho we National Certificate: Animal Production kunye ne National Certificate: Plant Production. Aba bafundi be learnership baphinde banikwa ithuba lokwenza imisebenzi kumsebenzi osezifama. Ngokumalunga nezifundo kumgangatho weMfundo Ephakamileyo noQeqesho (HET), ne SAET ezihlohlwa kwinkqubo yesidanga se B.Agric, kwiSatifikethi se "Horse Mastership" kunye nokufundiswa ukuqabela ihashe, iDiploma kweZolimo neSatifikethi Esiphezulu kweZolimo. Bebonke ngama 479 abafundi be HET ababhalise ekuqaleni kwalo nyaka ka 2019, nalapho (45%) ibingabagqatswa abakwihlelo labo bebekade bevinjwa amathuba. Bebonke, bali 122 abafundi abaphumelele kwiinkqubo Zomgangatho we HET ngoDisemba ka 2018. Kunikwe abafundi abangama 34 nabaphume izandla, inkxaso ngezimali zokufunda yaye oko kubonakalisa ukukhula koncedo olufunekayo ngeebhasari. Kuqinisekisiwe ukusebenza namaqabane esithelelana nawo ze kwasekwa ukuthelelana nabantu abatsha ngokuthi simane sihlalanga rhoqo nabantu esisebenzisana nabo kunye naboo banendima abanceda kuzo apha kwezemfundo noqeqesho kwezolimo. Ukuqinisa ulawulo, kufuneka senze ngokufanelekileyo imisebenzi yentsebenziswano kunye nezinye iinkqubo ezingaphakathi kweli Sebe. Kuhlohlwe izifundo zexesha elifutshane kubaxhamli abangama 2720 kweli phondo. Uninzi lwaba baxhamlileyo bahlanganiswe nenkqubo ye CASP kunye ne Ilima/Letsema, nezixhasa abathath'inxaxheba kwinkqubo yobuyiselo lomhlaba woluntu ngurhulumente kwakunye nentsebenziswano naboPhuhliso nokuXhaswa kwamaFama (FSD). Baphinde banikwa uqeqesho olongeziweyo ukwenzela i World Food Day nangexesha lentlekele yomlilo kwingingqi ye Eden ngelokuphucula izakhono zabachaphazelekileyo kweza ndawo bahlala kuzo. Intloko yeli Sebe ityikitye isiVumelwano neNtsebenziswano nabe SAET kunye naboPhuhliso lwamaFama neNkxaso yaye sizakumiselwa kwikota yokuqala yomnyaka-mali ka 2019-2020. Zikhona nezinye izivumelwano ezifana nezi ezityikitywe nezinye iinkqubo. Iqinisekisiwe intsebenziswano nabeDyunivesithi yase Stellenbosch ngokuqesha abasebenzi bethu kwizikhundla zeekomiti ezinje ngeye Academic Planning Committee, Staff Development Committee, Student Recruitment and Registration Committee, Teaching and Learning Committee kwakunye neBhodi ye Candelo lezeMfundo.

Eli Sebe ngokusebenzisa inkqubo yoPhuhliso nokuXhaswa kwamaFama, liququzelela ukuxhasa kwishumi elinesithandathu (16) yeendawo ezibekelwe phambili kweli phondo (iintlangano ze CRDP) ngokuqhakamshelana namaqonga namashumi amabini anesibhozo (28) eengxoxo zasekulaleni, kwezi ndawo zokuhlala ze liphinde liququzelele ishumi elinesithathu (13) leekomiti zoququzelelo lwemicimbi karhulumente (ISC's) kunye neekomiti kuququzelelo lwezengingqi. Ngamashumi amahlanu anesibini (52) iintlanganiso zekomiti yoququzelelo lwengingqi ezithe zalungiselelwa kweli phondo liphela kunye namasebe afanelekileyo kurhulumente ngenjongo zokufumana indlela equka onke amasebe nokwenziwa kwemisebenzi eyahlukeneyo kulonyaka sithetha ngawo, nekukhokelele kwiiprojekthi elizikhulu elineshumi elinesine (114) ezigqityiweyo kuphuhliso lweendawo zokuhlala ezisemaphandleni, nezikhokelwe ngabathathi nxaxheba abanomdla nabohlukeneyo. Ulutsha kwasemaphandleni noluphuma kwiindawo zokuhlala

ezilishumi elinesithandathu (16) nezibekelwe phambili kuphuhliso luthathe inxaxheba kwisithandathu (6) semixholo yongenelelo nebigxile ekuphuculweni kwesakhono kunye nokucwangcisa ngobuchule.

Kumzamo wokulungiselela uphuhliso olukhulayo lwabasebenzi kweli candela leemveliso noluyakunceda kwimpumelelo yobuyiselo lomhlaba eluntwini kunye notshintsho, inkqubo ephantsi kweli Sebe: yoPhuhliso nokuXhaswa kwamaFama ixhase ngezimali iiprojekthi ezine (4) zoqeqesho ngobuchule kunye nophuhliso/ungenelelo ngabasebenzi kwezolimo kunye namalungu eentsapho zabo. Bebonke, ngamakhulu amathathu aneshumi (310) abasebenzi kwezolimo bekunye namalungu eentsapho zabo abathe bancedwa ngokuthunyelwa kwiindawo abanokufumana kuzo uncedo nezinika iinkonzo ngamasebe karhulumente kunye nabathathi-nxaxheba abanomdla. Lishumi elinesihlanu (15) leentlanganiso esizihleli noomasipala abohlukeneyo ngelokwabelana ngeziphumo kubalo-bantu kumakhaya abasebenzi kwezolimo kwiphondo jikelele. Ilishumi elinesithandathu (16) imisitho ebanjiweyo yokhuphiswano lwe Prestige Agri Awards kwingingqi yeNtshona Koloni kunye nemihlangano emibini (2) kwiphondo nebihlinzekwe ngokuya emaphethelweni okukhetha oyena uphumeleleyo kweyeDwarha 2018 kwakunye nomsitho we Annual Western Cape Prestige Agri Awards Gala, nothe watsala iwaka amakhulu mathathu anesibhozo labasebenzi kwezolimo abathathe inxaxheba. Oyena uphumeleleyo ukhethwe ngomhla wesi 9 kweyeDwarha 2018 kwiziko lezoqeqesho i Kromme Rhee. Itheko le Western Cape Prestige Agri Awards gala lihlinzekwe ngomhla wesi 3 kweyeNkanga 2018 e Nederburg Wine Estate e Paarl apho uMnu Ntoto we Garden of Eden Berries yase Brandwacht yase Mosselbay wavakaliswa khona njengoyena uphumeleleyo emagqabini kukhuphiswano luka 2018. Sikwazile ukuhlala sinogesi ngokusebenzisa iindlela ezahlukileyo kodwa siqinisekisa ukuba ushishino aluphazamiseki ngenxa yokungabikho kuka gesi kwiinkonzo ezibalulekileyo ingakumbi xa sijongene nokungabikho kogesi kwakunye nokuphela kwamanzi nezizakuthi zibangele utyalo-mali olongezelekileyo kwezobugcisa obufanelekileyo kwakunye neziseko zoncedo ezinje nge "ngamandla e battery". Ukufaka abasebenzi kwiziko loVavanyo Lwamachiza Asaleleyo (CRT) kusengumngeni kwigumbi lovavanyo lwamachiza. Inkqubo zamalungiselelo okuphuculwa kwesiseko soncedo kwigumbi lovavanyo lwamachiza ziphinde zaqalisa ekuzeni kokuphela kwalo nyaka sithetha ngawo, njengokuba abe Public Works bevakalise ngexabiso lemali esiyobelweyo nemalunga ne R3 yezigidi yokuphuculwa kwegumbi lovavanyo lwamachiza nebekumele kuqaliswa ekupheleni kwalonyak-mali sithetha ngawo. Ngelishwa oko akwenzekanga njengokuba besicwangcisile.

Inkqubo ephantsi: Inkqubo Yolawulo Lweemveliso Ezithunyelwa kumanye amazwe: abeenkonzo Zonyango Lwemfuyo basokole kakhulu ngenxa yokungabikho kwendlela yokulawula ulwazi oluselugcinweni ukuze iinkcukacha zigcinakale, ulawulo nonikelo lwengxelo ngemisebenzi yolawulo lweemveliso ezithunyelwa kumanye amazwe.

Oosomashishini abathumela kumanye amazwe iimveliso zeli phondo baphazamisekile ngenxa yokungabikho kwesakhono sokuxoxa nesirhwebelana nabo ngokuthunyelwa kweemveliso zethu kumanye amazwe, liSebe leZolimo, Amahlathi nokuLoba kuZwelonke (DAFF). Ukusilela kwe DAFF ekuqinisekiseni ukumiselwa okufanekileyo kwesiCwangciso Samachiza Aseleyo kuzwelonke, nekuyenye yezinto ezibalulekileyo ukuze ukwazi ukuthumela inyama yenciniba kumanye amazwe kunye neemveliso zenyama kumazwe embumba yeseYurophi, nekukhokelele ekumisweni

kweemveliso ezithunyelwa eYurophi. Oku kunemiphumela emibi kwicandelo leemveliso zenciniba kweli phondo.

Kulo nyaka, kuqhambuke intsholongwane eyosulela kakhulu, neyintsholongwane yomkhuhlane weenkukhu i Avian Influenza kwiifama zeenciniba kwiphondo kwa noqhambuka kwesifo samaNqina Nomlomo kwinyanga yoMqungu 2019 kushiye umzila obonakalayo kwini nkqu nenyama yeenciniba ezisaphilayo kuquka nenyama ebombu kwethunyelwa kumanye amazwe leli phondo.

